# Okumalunga nam

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Jonga umfanekiso ongezantsi uze uqikikele ukuba ibali liza kuthetha ngantoni.
2. Intombazana esemfanekisweni iphakamise iminwe emingaphi?


EXTRACT PAGES

Mna ndinguBusi. Ndineminyaka esixhenxe.

Ngubani igama lakhe?
Uneminyaka emingaphi?



EXTRACT PAGES

Ndihlala nomakhulu. Kukho noLili.

Uhlala noobani ekhayeni lakhe uBusi?




Idilesi yendlu yasekhaya sisibhozo.
Inombolo kamakhulu ngu-079 246 8101.



Kutheni kufuneka eyazile inombolo kamakhulu?


EXTRACT PAGES

Ndiyakuthanda ukuzoba. Ndizoba ngepensile. Ndiyakuthanda nokufaka umbala.

Ucinga ukuba kutheni ethanda ukufaka imibala xa ezobayo?



Ndidlala ngebhola. Ndidlala nabahlobo bam. Sidlala qho ngexesha lokutya.


Ukudlala kubalulekile. Nika isizathu sibe sinye.



EXTRACT PAGES

Ndiya esikolweni. Esi sisikolo sam.

Umfundi lo uyaphi? Uyokwenza ntoni pha?




Ndifunda kwibanga lokuqala. Ndimamele utitshala. Utitshala uyafundisa.



Xela umsebenzi katitshala?



EXTRACT PAGES

Ndizoba imifanekiso. Ndizoba ikati.

Ukuba ibinguwe ubuza kuzoba ntoni?

